

I-SU IZIBOPHELELE KUSETYENZISO LWEELWIMI NGEELWIMI

Isicelo esifakwe yi-DA ne-Studenteplein enkundleni esingokuchasene neYunivesithi yaseStellenbosch (SU), iBhunga le-SU neSeneyithi yase-SU ('abaphenduli') saye samanyelwa ngoMvulo umhla we-15 kweyeThupha ngo-2022 kwiNkundla ePhakamileyo yaseKapa. Eso sicelo sifakwe enkundleni (esalungiswa ngosuku lokumanyelwa kwaso) saye saziselwa ukuba inkundla yenze umyalelo wokuba:

- ngokwecandelo 172(1)(a) loMgaqosiseko woMzantsi Afrika, kubhengezwe ukuba izigqibo zeSeneyithi yase-SU neekomiti zayo kwiisimesta ezine zangowama-2020 nowama-2021 ziyaphambuka kwizibonelelo zoMgaqonkqubo weelwimi wase-SU (owaphunyezwa ngomhla wama-22 kweyeSilimela 2016) kwa nokuba ukwenziwa kweenguqu kwiZicwangciso zoMiliselo lweelwimi kwiifakhalathi, kwakungahambelani nomgaqosiseko, kungekho mthethweni kwaye ikukunyhashwa koMgaqonkqubo weelwimi wango-2016.
- Ngokwecandelo 172(1)(a) loMgaqosiseko, kuyalelwe abaphenduli ukuba bathobele uMgaqonkqubo weelwimi wase-SU (owaphunyezwa ngomhla we-2 kweyoMnga ngowama-2021) xa kusenziwa izigqibo malunga nolwimi lokuhlola kweemodyuli ezizimeleyo.
- Kuyalelwe abaphenduli ukuba bathwale uxanduva lokuhlawula iindleko zabafaki-sicelo, kuquka neendleko zamagqwetha ejaji amabini.

Le Yunivesithi iyasamkela isigqibo seNkundla ePhakamileyo sokuba iSeneyithi (neekomiti zayo) ayiwunyhashanga umgaqosiseko njengoko kutyholwa, kwa nokuba isicelo sokucacisa – ukucelwa komyalelo wokuba isigqibo seSeneyithi neenguqu kwizicwangciso zomiliselo lweelwimi kwiifakhalathi azihambelani nomgaqosiseko, azikho mthethweni kwaye ziyawunyhasha umgaqonkqubo wangowama-2016. – sichithwe. Le Yunivesithi iyasamkela kananjalo nesigwebo sokuba ukucelwa komyalelo wokunyanzela iYunivesithi ukuba ithobele umhlathi 7.4.4 woMgaqosiseko weelwimi, sityeshelwe ngenxa yoku kuchithwa kwesicelo sokucacisa esikhankanywe apha ngentla.

Isigqibo sikaJaji Cloete siyayiqinisekisa imbono ye-SU eqhubekayo yokuba zange kubekho kuphambuka kuMgaqonkqubo weelwimi (2016), kodwa endaweni yoko kwabakho iinguqu ekuthethweneyo ngazo zaza zaphunyezwa ngokujoliswe kumalungiselelo athile eelwimi eefakhalathi ezithile. UMgaqo-nkqubo wase-SU (2016) ukubonelela ngokugcweleyo oku.

Ngaphezu koko sisebenza njengesiqinisekiso sokuba le Yunivesithi isebenze ngokufanelekileyo ngelixa lobhubhane we-Covid-19 ngexesha apho amacandelo ahluka-hlukeneyo, kuquka iiyunivesithi, kwaye kwafuneka afumane ngokukhawuleza iindlela ezintsha zokusebenza kwaye amilisele amanyathelo angxamisekileyo. Umngeni nefuthe lokuqhuba zonke izifundo nge-intanethi kwisithuba sexesha elifutshane ngeyoKwindla kowama-2020 mazingajongelwa phantsi. Ngenxa yokuba umthamo omkhulu wemathiriyeli yange-intanethi kwaye kwafuneka ukuba uphuhlise ngokusuka okuphantse kube ngesaqophe ekufundiseni eziklasini ukuya ekufundiseni nge-intanethi ngexesha lokumiswa ngxi kweentshukumo kuzwelonke, umthwalo womsebenzi waye wafaka uxinzelelo olungathethekiyo kubahlohli. Kuphantse kube yinto eyayingenakho ukwenzeka ukuba kulindelwe abahlohli ukuba banikezele ngemathiriyeli yokufunda entsha yonke ngesiNgesi nangesi-Afrikansi kwiimeko ezifanelekileyo.

Imathiriyeli yokufunda eyayisele ikhona ngolwimi lwesi-Afrikansi abafundi babe sabonelelwa ngayo ngesi-Afrikansi kwaye abahlohli babekhuthazwa ngamandla ukuba basebenzise iinkonzo zeZiko leeLwimi. Imathiriyeli zokufunda ezintsha ngokwenene kwaye kwenziwa ukuba zifumaneka ngesi-Afrikansi kwaye iiphadikhasti zesiNgesi eziliqela zaye zaguqulelwa kwisi-Afrikansi. Iimvavanyo nazo zazifumaneka ngesi-Afrikansi nesiNgesi.

Injongo ye-SU ngoku, emva kokurhoxiswa kwayo yonke imigaqo yase-SU yolawulo lwe-Covid-19 nokubuyela kwabo bonke abafundi nabasebenzi ezikhampasini ekugqibeleni ukulungiselela izifundo neetyhuthoriyali zobuso ngobuso ngokugcweleyo nokufundisela kumaholo okuhlohlela izifundo, kukuqinisekisa ukuba siqalisa imisebenzi yethu kwiikhampasi zethu ngokushiyana kwazo ngokukhawuleza kangangoko kunokwazeka. Kufuneka kananjalo siqinisekise ukuba kukho utshintsho oluneziphumo ezihle phakathi koko abafundi nabasebenzi baye banyanzeleka ukuba bakuqhele kumgama kwaye nge-intanethi ngowama-2020 nangowama-2021, noko kuthe ngoku kwakhona kwaba nakho ukwenzeka kwaye kwabaluleka kwiYunivesithi njengeyunivesithi eneendawo zokuhlala ezisemgangathweni.

“Ngenxa yokususwa kwemigaqo engqongqo yokuqelelana kwabantu neminye imigqaliselo enxulumene ne-Covid-19, nokubuyela kwethu ngokugcweleyo ekufundeni nokufundisa ubuso ngobuso kumagumbi okufundela, le Yunivesithi igxile ekuqinisekiseni ukuba uMgaqonkqubo weeLwimi wangowama-2021 umiliselwa ngokugcweleyo ngokweZicwangciso zokuMiliselwa kweeLwimi zeefakhalathi namaziko oxanduva. Siya phambili sibambisene ekuphakamiseni usetyenziso lweelwimi ngeelwimi ngaphakathi kwiziko lethu ngokusetyenziswa koMgaqonkqubo weeLwimi,” utshilo uNjing Deresh Ramjugernath, oliSekela likaSekela Ngqonyela: ezokuFunda nokuFundisa.